**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO B: INOVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube Mnye.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
   - Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo emide kwisihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
   - Imibuzo kumacandelo enoveli nedrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
   - Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nama-40 emizuzu |
| ICANDELO B: | Malunga nama-55 emizuzu |
| ICANDELO C: | Malunga nama-55 emizuzu |

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. UProfesa AC Jordan | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| **OKANYE** | | | |
| 2. UNkosi Rholihlahla Nelson Mandela | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| **OKANYE** | | | |
| 3. Idompasi | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| **OKANYE** | | | |
| 4. Aphi na amadoda | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |

**KUNYE**

**Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi na umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 5. Ixesha | Umbuzo omde | 10 | 11 |
| **OKANYE** | | | |
| 6. Ixesha | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |

**ICANDELO B: INOVELI**

**Phendula umbuzo omNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 7 *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omde | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 8 *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 9 *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omde | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 10 *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo omNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 11 *Amaza* | Umbuzo omde | 25 | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 12 *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 13 *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omde | 25 | 21 |
| **OKANYE** | | | |
| 14 *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5–6 | 1 | |
| B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7–10 | 1 | |
| C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–14 | 1 | |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ICANDELO A: ISIHOBE

### *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.
- Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo okanye isibongo esingamiselwanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

### IMIBONGO EMISELWEYO

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuchaza okuphuhliswa zizixhobo zolwimi eziphawulwe ngqindilili ngasezantsi ukuphuhlisa intsingiselo.

**UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule**

**Taruni** nonke zingcali zesiXhosa,
**Leqani** equleni imimoya iyabhudla,
**Balekani** hleze kuvele imbalela
**Lakufa ichanti kudakasa izabankolo**,
**Yakufa inkuku amaqanda ayabola**.
Kolunga **s**onke **s**ibaleke **s**ibonisane,
**Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa**.

Ithe iMerika namhla ivelel**we**,
Yathi iAfrika ngoku ingozi**we**,
Bazila kuTsolo ngosana lwabo,
**Zoyika** iingcaphephe zathi **libekiwe**,
**Banxuba** ooProfesa bathi liyajijwa.

**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yalimanisi**

Aa! Zwe-liya-shukuma!
UZwe-liya-shukuma ngumdaka kaMandela,
Umdak'onobomi wakwaSokhawulela,
KwaDlom'omdlanga, kwaNgqolomsila,
Ingxangxos'ehamba ngamadolo yakwaNdaba.
UKhala mqadi wafa yintsika,
Umty'ondindilili wasemaNtandeni.

Umgawuli wezint'ezisemeveni,
Egec'iintsunguzi zobudenge;
UMavelel'iimbombo zomhlaba;
Uzama-zam'ilizwe lizama-zame;
UMabhijel'ilizwe njengechanti.
Izilenz'elidada kwaweLigwa,
Liye ngokusela kwaweZambesi;
Umkhonzi wezizwe zeAfrika.

Ubakhonzil'abaMbo nabaNguni;
Wabakhonz'abeSuthu nabaTswana;
Wawakhonz'amaZulu kaSenzangakhona;
Wawakhonz'amaSwati namaNdebele;
Wawakhonz'amaTshona, amaNyasa namaKhalanga;
Wadib'izizw'ezikhulu nezincinane,
Edal'umanyano lwama-Afrika,
Ukuz'inimb'ibe nye yezizwe.

2.1 Kuboniswe njani ukuba uRholihlahla Nelson Mandela ngumntwana wegazi? (1)

2.2 Senze msebenzi mni isikweko esikumqolo wesi-5 kwisitanza sokuqala?

'Ingxangxos'ehamba ngamadolo yakwaNdaba.' (1)

2.3 Imbongi ibonakala yonwabile xa ithetha ngoMandela. Xhasa olu luvo? (2)

2.4 Uphuhlisa ntoni umqolo we-8 othi:

'Umgawuli wezint'ezisemeveni' ngoMandela? Cacisa. (2)

2.5 Chonga impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Xa kuthiwa, uMandela nguMabhijel'ilizwe njengechanti kuthethwa ukulijikeleza ilizwe nje …

A ngomlambo.
B ngenyoka.
C ngentambo. (1)

2.6 Xela indlela imbongi esakhe ngayo isingqisho kwisitanza sokugqibela. (1)

2.7 Chonga uphawu olunye olubonakalisa ukuba sisibongo esi kwistanza 1. (1)

2.8 Ngqina ngokusebenzisa ulwazi onalo ukuba le ndedeba yakwaMandela ibiyinkokeli ngokwenene. (1)
**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IDOMPASI – N Gcali**

Yincwadana encinane ephethe igama,
Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
Iveza umsebenzi ixela nomqeshi,
Isitampu sibonisa imfanelo,
Isitampu esigwenxa yijele,
Udompasi ongekhoyo yijele.

'*Kom hierso Jan,*
*Waar is jou pas*?'
'Alikho mhlekazi.' Qhwa ngempama!
Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,
'*Gaan in, Gaan in man*.'
Kungenxa yakho dompasi.

Vum-vum-vu-uu-uuum-
Iyagquma ikhwela-khwela.
Ifuna bonke abophul'umthetho.
Basuka eNatali, basuka eFreyistata,
Bavela eCiskei, bavela eTranskei,
Kungenxa yakho dompasi.

Uphumile umthetho wabhengezwa,
Umemezela ukufa kwakho dompasi,
Namhlanje yimincili namhlanje luvuyo,
Namhlanje lulonwabo namhlanje luchwayito,
Kuba udompasi ufile wavuka u-I.D.
Watsho wanesidima umnt'endinguye.

3.1 Kwisitanza sokuqala chonga naziphi na iinkcukacha ezimbini ezifumanekayo kwidompasi. (2)

3.2 Xela injongo yokusetyenziswa kwengxoxo kwisitanza sesibini kulo mbongo. (1)

3.3 Chaza iindlela ezimbini elanyhashwa ngayo ilungelo labemi kwisitanza sesibini. (2)

3.4 Safobe sini esisetyenziswe kumqolo-14? Siphuhlisa ntoni? (2)

3.5 Yinyani okanye luluvo ukuba ukufa kwedompasi kuze nobukho be-ID. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.6 Isiphumo sokufa kwedompasi yaba:

A Sisidima nemincili kubantu nakwimbongi
B Sisidima kuphela kubantu nakwimbongi
C Yimincili kuphela kubantu nakwimbongi (1)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**APHI NA AMADODA – M Mbutuma**

Ivelil' inyok' enkulu
Egqib' umzi wonk' uphela,
Nants' ithe ga ngogaga
Kwizigingqi zomzi kaNdaba;
Hay' ukuswel' amandla
Ngendikhe ndiyijijise.

Nants' isiz' ivuy' emzini!
Iqondil' aninto yanto.
Nants' isiz' ibhuku-bhukuleka!
Zidenge, vuyisanani nayo!
Nantsi ingen' isahlula-hlula!
Ayaphi n' amadoda kulo mzi?

Nants' ikhoth' izilumko-
Az' asimakhoth' exathula na?
Nants' izam' ukusiza-
Az' asiyontsiza-mbulala na?
Nants' ivuyis' abantu-
Az' asimavuyis' esiwisa na?

Ndide ndithini na, nto zakuthi,
Ze ndibe ndinipheth' emanyeni?
Yini na ngqukuv' ezinkone
Zejoj' elipapisi kumahashe,
Maphec' alubhelu kaNtu
Abotshwe mhl' umthwal' unzima?

Lumkan' intamb' inganirhintyeli,
Hlez' ingabi nakukhululwa!
Mna ndibon' ishwangusha
Liza lixhakwe bubunewu-newu.
Azi ziyini n' iintsana zenu?
Ngenene ndoyik' endiyibonayo!

4.1 Caphula kwisitanza soku-1 umqolo othi le mbongi yeyasebaThenjini. (1)

4.2 Eli gama, 'zidenge' kwisitanza 2 lisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni? (1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo.
Umbuzo-buciko ozingileyo osetyenziswe kwisitanza sesi-3 usetyenziselwe:

A Ukufuna ulwazi
B Ukukhwebela abantu kwicala layo
C Ukwenza imfano-zandi (1)

4.4 Uthetha ukuthini umbhali ngalo mqolo uphawulwe ngomgca ngaphantsi?

Ze ndibe ndinipheth'emanyeni? (1)

4.5 Nika izilumkiso ezibini ezenziwa yimbongi kwesi sitanza sesi-5. (2)

4.6 Zinto zini ezimbini ozaziyo ezenziwe yile nyoka ukuzama 'ukusiza'? (2)

4.7 Ucinga ukuba lo mbongo ubhalwe malunga neziganeko zaliphi ixesha ezimbalini? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## IMIBONGO ENGAMISELWANGA

### UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

Dandalazisa okuvezwa yimbongi ukubonisa ukubaluleka kwexesha ngesitanza ngasinye kwesi sicatshulwa sombongo.

**IXESHA – SEK Mqhayi**

Ixesha linqabile
Ngaphezu kwemali.
Thina besingazi,
Sibangwa kungazi.
Nditsho ngobulali,
Ixesha linqabile.

Ngoko sukel'ixesha:
Ngamend'akho onke,
Nokuba wenzani,
Nokuba kunini na,
Yenza ngako konke,
Ngoko sukel'ixesha.

Umzuzwana omncinane,
Ongangephanyazo,
Uyinto ngobunto:
Nangawo gqib' into
Loo nt' ayilohlazo,
Umzuzwan' omncinane.

Ixesha liyinzuzo,
Kolisukelayo;
Unenzuzo enkulu
Yomhlaba nezulu,
Olitsibelayo;
Ixesha liyinzuzo

Ungashiywa lixesha!
Malingakuphosi;
Asint' ibuy'ibuye,
Isuk' iphuncule.
Ndihlaba lo mkhosi,
Ungashiywa lixesha!

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IXESHA – SEK Mqhayi**

Ixesha linqabile
Ngaphezu kwemali.
Thina besingazi,
Sibangwa kungazi.
Nditsho ngobulali,
Ixesha linqabile.

Ngoko sukel'ixesha
Ngamend'akho onke,
Nokuba wenzani,
Nokuba kunini na,
Yenza ngako konke,
Ngoko sukel'ixesha.

Umzuzwana omncinane,
Ongangephanyazo,
Uyinto ngobunto
Nangawo gqib' into
Loo nt' ayilohlazo,
Umzuzwan' omncinane.

…………………………………………….

Ungashiywa lixesha!
Malingakuphosi;
Asint' ibuy'ibuye,
Isuk' iphuncule.
Ndihlaba lo mkhosi,
Ungashiywa lixesha!

6.1 Xa imbongi isithi, 'Nditsho ngobulali' kumqolo wesi-5 ithetha ukuba:

- A Ithetha ngokuzithoba
- B Ithetha kuba ingumhlali kule lali
- C Ithetha ukuba ibulala abantu (1)

6.2 Nika intsingiselo ethe ngqo nentsingiselo efihlakeleyo yeli binzana 'ngamend'akho' kumqolo wesi-8. (2)

6.3 Lilizwi lomntu ongakanani eli lithetha kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.4 Sixhobo sini sohlalutyo esifumaneka kumqolo we-13 nowe-18? (1)

6.5 Yintoni eyona nto iqaqanjiswa ngumbhali kwisitanza sesi-2? (2)

6.6 Chonga ibinzana elikwisitanza sesi-4 elithetha into enye neli qhalo.

'Ukusa akufiki kabini ukuvusa umntu.' (1)

6.7 Ubaluleke ngantoni lo mbongo kubomi bolutsha lwanamhlanje? (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO
- OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwiCandelo B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide ngama-390 amagama.

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Sukela kula mazwi angezantsi uchaze izinto ezakhokelela kuwo nezathi zenzeka emva koko ukubonisa ukuba ngenene wazaliseka lo mnqophiso.

'Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona ...' **[25]**

**OKANYE**

### UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda esi sicatshulwa sencwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

... 'Thozama ndibuyile emfundweni owawundicebise ngayo. Ke, andiz'ukutsho kuwe ukuba umbulelo wam ungakanani na. Ungasowuzicingela. Nguwe owaziyo njengoko nam ndisazi ukuba ndinjenje namhlanje, kungenxa yakho. Njengokuba undibona nje ngoku ndijongwe ngumsebenzi onzima wokondla izimvu zikaThixo, umsebenzi wokuphilisa imiphefumlo. Ke kulo msebenzi andinaye umncedisi, ubungebi nguye na umncedisi wam Bhelekazi? Iinzima zam ibe zezakho? Ube yintonga yam esekhosi? Kuba ngaphandle kwakho ndifumana obu bomi bungendiyoleli.'

Emva kokuthi cwaka umzuzu uThozama kucaca ukuba uyacinga wabonakala encuma ejonga emehlweni kuMangaliso esithi, 'Yintoni na le ngoku uyithethayo Bhuti Thole? Uthetha ukuba nam madibe ngumfundisi phantsi kwakho? Ndingazange ndimbone nje okanye ndive ukuba wakha wakho umfundisi womfazi uyakuqala ngam?'

'Hayi Thozama, musa ukundigezela, usenokuya kugeza kwakho kwakudala? Uyaqonda nje ukuba ndimdala ngoku? Akundoyiki? watsho uMangaliso emjamela, phofu encumile.

'Kanti uthini na andikuva kaloku? Mna ndicinga ukuba uthi mandibe ngumncedisi wakho ebufundisini,' watsho ehleka uThozama. 'Ndifuna sitshate Bhelekazi, ube ngumfazi wam, sahlulwe kukufa sobabini. Umsebenzi omhle owawuwuqalile wuqabelise mntan'asekhaya. Ukuwa nokuphakama kum ndikufumanisa kuxhomekeke kuwe.'

Wamjonga isizungu uThozama enga umthele nqa. Bajongana. Bejongene njalo wabonakala encuma uThozama zisihla iinyembezi. Suka batsibelana, bawolana. Bewolene njalo wavakala uThozama esithi, 'Makube njengokuba uthetha, bhuti Thole.'

8.1 Uvela kufunda phi uThole njengokuba esithi ubuyile emfundweni nje? (1)

8.2 Yayiyintoni injongo kaMangaliso yokundwendwela uThozama? (1)

8.3 Ngqina ngezenzo ezibini zikaThozama ubunyani bala mazwi athi, 'ndinjenje namhlanje kungenxa yakho'. (2)

8.4 Eli binzana, 'Ube yintonga yam esekhosi?' liphuhlisa ntoni ngokwesicatshulwa? (2)

8.5 Ngemizekelo emibini bonisa indlela uThole awazidlisa ngayo izimvu zikaThixo? (2)

8.6 UThozama uzotywe wangumntu onokumelana nokuba yinkosikazi yomfundisi. Xhasa olu luvo. (2)

8.7 Umbhali ubabulele ngayiphi injongo kweli bali uThemba noSonwabo? (2)

8.8 Chonga amazwi abonakalisa ukuba uThozama wasamkela isicelo sikaThole? (1)

8.9 Ukulila kukaThozama kubonakalisa ntoni? (1)

8.10 Khetha impendulo echanekileyo.

KuThole la mazwi athi, 'Ke kulo msebenzi andinaye umncedisi, ubungebi nguye na umncedisi wam Bhelekazi?' athetha ukuba ...

A abe ngumfundisi naye.
B abe sisicaka sakhe.
C abe yinkosikazi yakhe. (1)

8.11 Ukuzicelela kukaThole umtshato kuThozama kusityhilela ntoni ngesimo sentlalo? (2)

8.12 Mpawu zini ezimbini kuMkwayi ezabangela ukuba uThozama amfanise noThole? (2)

8.13 Galelo lini elenziwe ngumfundisi uSheperd noMaqoma ekukhuliseni lo Thole simbona namhlanje? (2)

8.14 Xela izinto ezimbini ezibonakalisa ukubuya kwesidima sikaBaw'uMkwayi emva kokuqatshelwa nguThozama. (2)

8.15 Esi sigqibo sikaThole sokuthatha umfazi namhlanje ucinga ukuba sifanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

| |
|---|
| Sukela kula mazwi angezantsi uchaze izinto ezakhokelela kuwo nezathi zenzeka emva koko uye kuma ekudibaneni kukaMfazwe nomzingeli.<br><br>'Ukuba ukhe wabanjwa, isigwebo siya kuba sinye, kukuxhonywa ukuba awufelanga eziseleni njengoKK. Ngoku aza kuyeka amapolisa ukukufunza ngoFriday, aza kukuzingela ngokwawo sele enegunya eliqinisekisiweyo, uyandiva Mfazwe?' |

**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

| |
|---|
| 'Umfundisi uHlathi wayesathetha ezibiza zonke izishwabulo ezisemhlabeni, amehlo akhe atsalelwa ngawabanye kum, nqumama engasigqibanga isivakalisi awayesiqale ngokuthi, 'Aba bantwana babini, kunye noKK igazi labo soze liphalalalele ilize,' wandijamela. UNokuzola wandithi krwaqu nje kwakanye, wajika ubuso wajonga kude. Baphela ubugagu kum, **ndangenwa yintaka**. Wamemeza ngelo xesha kanye uFriday esiviwa ngumntu wonke. 'Ooqhimgqoshe abafuneki apha!' Amehlo akhe ayethe ntsho kum engathandabuzeki umntu abhekisa kuye. Yaduma ngoko nangoko indlu, zayimvula izithuko ukuza kum. Ndeva ngombokro wenqindi emqolo, <u>mpaku impama ebusweni</u>, ndaphalwa phalwa ndityhalwa ukududulelwa phandle. Kukho ababefuna ukundingqula phantsi, kodwa ndaxhathisa ndatyhudisela ngasemnyango. Yaba bubudididi nobugxashigxashi, amanqindi ephambana phezu kwentloko yam. Umfanekiso endaphuma apho uthe thaa okwethongo engqondweni yam ngokaFriday egwejelisa ingalo yakhe kuNokuzola emsondeza kuye akugqiba ukufunza.<br><br>Ndigxadazelele ngaphandle ibubuxhishixhishi, ndilekuzwa ndilingiswa ngamanqindi, iimpama zibhabha emoyeni zingade zindifumane. Ndabaleka ndaya kudlula kulaa mapolisa ayesesangweni sele ongezelekile ngoku.<br><br>Impi eyayindileqa, ingabantu endibaziyo abaxube neentwana zesikolo sam sekukho nokhe wandifumana apha entsuleni ngembokotho, yajika ngobungxamo yakubona amapolisa angazange andinanze nganto mna phofu. Ndihambe ndikhubeka elurhatyeni, ndaxwesa isixeko, ndada ndaya kuphumela ngaphaya kwaso kweli cala |

lingaseMpuma, kulaa mangcwaba madala, ndidane ndiyinko.

Ndahlala phantsi phezu kwedlaka ndajonga isixeko esi, usathe thaa umfanekiso kaNokuzola egonwe nguFriday. Ndiyakubona ukupakaniswa nokuxushwa ndixhaywa ndixhatshazwa ngabantu abangazi nto, eyona nto yandixhelayo nguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday.

10.1 Baphi aba bantu bathethayo kwesi sicatshulwa? (1)

10.2 Kwezi zehlo zale mini yintoni eyona nto yamxhelayo umbalisi? (1)

10.3 Umbalisi uyintoni noNokuzola? (1)

10.4 Xela izinto ezimbini ezamehlelayo uMfazwe akujongwa nguNokuzola. (2)

10.5 Wasweleka njani unina kaMfazwe? (1)

10.6 La mazwi athi 'Ooqhimgqoshe abafuneki apha!' asisigqebelo. Cacisa. (2)

10.7 Umfundisi uHlathi wasuswa yintoni ukuze athethe la mazwi angezantsi?

'Aba bantwana babini, kunye noKK igazi labo soze liphalalele ilize,' (2)

10.8 Khetha impendulo echanekileyo.

UMfazwe ubonakalise ukothuka ngokuye ihambela phambili le ntlanganiso kuba:

A Umangaliswa kukuba abantu abebathembile bamjikela
B Abantu ababelapho babephethe iintonga
C Wayebona eza kubalimaza (1)

10.9 Inokuba eli bali likuliphi inqanaba lesakhiwo? (1)

10.10 Xela imeko eyayikuyo intlanganiso ngesivakalisi esinye? (1)

10.11 Umbhali usifundisa ntoni ngesimo sikaFriday? (2)

10.12 Uthetha ukuthini umbalisi xa esithi, 'ndangenwa yintaka'? (1)

10.13 Chaza umfanekiso-ntelekelelo oziswa kukusetyenziswa kwebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi, kwisicatshulwa. (2)

10.14 Bungqina buni obunokukwenza ucinge ukuba uCikizwa ubenokusivala isikhewu sikaNokuzola akungabikho ebomini bukaMfazwe? (2)

10.15 Ziziphi izinto ezimbini awazenzayo umbalisi ngale meko yokugonwa kukaNokuzola nguFriday? (2)

10.16 Sizathu sini esinokukwenza uvakalelwe xa ufunda esi sicatshulwa? (2)

10.17 Azaliseka njani amazwi kaMfundisi uHlathi? (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwiCandelo B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

| |
|---|
| Zingavuka iinkqwithela, zingawa izichotho, ingagquma imilambo angadlokova amaza, konke, konke, konke kobetha kudlule asale uLizo eliwele lam lomphefumlo.<br><br>Phantsi kwalo mxholo wothando ukule ncwadi velisa ukuzaliseka kwala mazwi kaNamhla angentla kule ncwadi. |

**[25]**

**OKANYE**

### UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

### ISICATSHULWA A

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| MALIMAKHWE: | He Tshawe, Uthi uvela eSwazini ngezi ntsukwana? |
| SILUMKO: | Andithi ibhaloni yenza amatshe? |
| MALIMAKHWE: | Hayi ndincamile! Phofu uhambe njani? |
| SILUMKO: | Kuthe kanti ndisemkhondweni! |
| MALIMAKHWE: | Akuzi kundixelela Ukuba uSidima udla amazimba! |
| SILUMKO | Uphile qete. |
| MALIMAKHWE: | *(Ekhuza, eqhwaba, egqiba indlu yonke)* Bantu bakwaLimakhwe! Kanti singcwabe bani? |

| | |
|---|---|
| SILUMKO: | Ungakhwazi kaloku Limakhwe. Uza kungcolisa umsebenzi wam. |
| MALIMAKHWE: | Uxolo Tshawe. Wowu! Soze ndilibale! |
| SILUMKO: | Kanti uZodwa Udla iinkobe oku kwakhe. |
| MALIMAKHWE: | *(Ethethela phantsi)* Ndandikhe ndatsho! |
| SILUMKO: | Ndifike ke sendiligqirha lomSwazi, Ndateketa ndafaka nesiZulu kwathi gqibe. |
| MALIMAKHWE: | Ibe kaloku akukho lwimi ungalaziyo. |

12.1 Ebeyokwenza ntoni uSilumko eSwazini? (1)

12.2 Xa uMaLimakhwe esithi uncamile uthetha ukuba:

A Umangalisiwe
B Uyekile
C Udikiwe (1)

12.3 Chonga ibinzana eliphuhlisa ukuba uSidima akabikwa hlaba ngokuka Silumko. (1)

12.4 Ucinga ukuba yintoni intsusa yokuba uSilumko enze olu phando? (2)

12.5 Amakhosikazi enziwe angabantu abanezinto ezimbi kule ncwadi. Cacisa ngoMalimakhwe. (2)

12.6 Ukusetyenziswa kwebhaloni kubonakalisa siphi isimo sentlalo malunga nexesha? (1)

12.7 Akukudalanga uSidima ebhujelwe sisizalwane. Sesiphi eso sizalwane? (1)

12.8 Yintoni le yayingabahlalisanga kakuhle eSwazini uSidima noZodwa? (1)

12.9 USilumko ubacebise ukuba bayisombulule njani loo ngxaki? (2)

12.10 Zinto zini ezimbini awaboyikisa ngazo uSilumko malunga nemiyalelo yakhe? (2)

12.11 Ingaba umbona uLizo esenza into efanelekileyo ngokuzama ukubulala uSidima noZodwa (inkosikazi yakhe) ngokolwazi lwakho lwencwadi?
Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| LIZO: | *(Esoyika)* Uthi lingcwaba likaSidima eli? |
| NAMHLA: | Lilo kanye eli Qwathi. *(Esamkela into kuNamhla)* Sapha iyeza elo ndilibeke. *(ULizo elibeka)* |
| NAMHLA: | Beka nesikhumba eso. (*Kufika uSidima noZodwa bezegqume ubuso*) |
| SIDIMA: | *(Edidekile)* Ningoobani? Lingcwaba likabani eli nikulo? |
| NAMHLA: | Lelendoda yam. |
| SIDIMA: | Ngubani indoda yakho? |
| NAMHLA: | NguSidima |
| SIDIMA: | *(Eveza ubuso)* Ingekafiki nje imini yam yokufa uthetha ukuthini xa usithi lingcwaba lam eli? |
| LIZO: | *(Erhiphuke umbilini)* Wafa! Ndingumntu wokuqala ukuyazi loo nto! |
| SIDIMA: | *(Ezekelela ukuthetha)* Ngahle nguwe owabulala uDuma, Ndingumntu wokuqala ukuyirhanela loo nto! |
| NAMHLA: | *(Etyhwatyhwa luloyiko)* Sukusiporhela, sakungcwaba! |
| SIDIMA: | *(Ejika embonisa ilifa elisemqolo)* Umgibe owawunqikela mna, ukhamfule wena! |
| NAMHLA: | Suka apha siporhondini! |

12.12 Sivela phi esi sikhumba sibekwayo? (1)

12.13 Yintoni injongo yokuba uSidima avezele uNamhla ilifa lakhe elisemqolo? (2)

12.14 Bazigqumele ntoni ubuso uSidima noZodwa? (1)

12.15 Kutheni uLizo ingumntu wokuqala ukwazi ukuba uSidima wasweleka? (1)

12.16 Balula nayiphi indlela esetyenziswe ngumbhali ukwenza ukuba iziganeko zisuke zihambe ngendlela ebingalindelekanga? (2)

12.17 Beka izizathu ezibini ezingqina ukuba uLizo ngumlinganiswa oyintloko kulo mdlalo? (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

MAQOMA: Akukho sikhwasilima kuloo nto Mtika. Bangawakha loo maziko abo apha kufuphi neelali zethu, bavalelane apho naloo midlungu bayifumeneyo, kodwa uloyiko lwam kukuvula isitha phakathi entsimini. **Kaloku iimpuku azoneli ziindiza zigqithela emboneni zibhuqe**.

Ngqina ubunyani bala mazwi kaMaqoma aphawulwe ngqindilili ngezehlo zale ncwadi. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

BEAU: Siye kuvelela uNdlambe kweziya lali ziphezu kolwandle. Asibonwanga mntu, kodwa ke ndiqinisekile ukuba bakho abaza kuzama ukulanda **emkhondweni** ngeli xa siwucimileyo.

SOMERSET: Niqhube kakuhle kakhulu Sajini. Ngoku ndiza kukucela ukuba ukhe uphose iliso apha kulo nyana kaNgqika. Mninzi umonakalo anokuwenza ukuba akabekwanga esweni. Ziliqela iingxelo zezikhalazo endizifumana kumafama ethu ngomonakalo owenziwa ngabantu bakhe kuwo. Ndithetha ke ngoMaqoma eTshokotshele. Kodwa ungamngxameli ngokuba unaba befundisi bathanda uyise. Bayakhawuleza ukubhalela phesheya ke abo, zibuye iincwadi sezithetha ngokukugunyazisa ukuba wenze into ungayithandi, kungenjalo zikugxothe kakubi.

14.1 Bathetha bekweyiphi indawo uBeau noSomerset? (1)

14.2 Bathi bayilungiselele njani imeko yokulandeka komkhondo wabo? (1)

14.3 Nguwuphi lo mhlaba kaMaqoma kuliwa ngawo? (1)

14.4 Ngubani lo 'nyana kaNgqika' athetha ngaye uSomerset? (1)

14.5 UQuka ukhohliswe njani ukuze athengise ngesizwe sikaBawana? (2)

14.6 Uyangqinelana nokuba uSomerset wayesebenzisana nabefundisi? Xhasa impendulo yakho. (2)

14.7 Xela into ibe nye kwezazisehlela ooSomerset xa abefundisi bethe babhalela phesheya. (1)

14.8 Ucinga ukuba le ncwadi ibhalwe malunga naliphi ixesha ezimbalini zeli loMzantsi Afrika? (1)

14.9 Esi sicatshulwa siyiqhubela njani phambili impixano kulo mdlalo? (2)

14.10 Chaza indima edlalwa nguSomerset kulo mdlalo. (2)

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| MAQOMA: | Bantwan'abahle bomthonyama wakowethu! Senibona, niya kubaliselwa. Ulele phaya umkhwe wam. Masimngcwabeni ke sonke.<br><br>Akukho mazwi maninzi endiza kuwathetha kuwe mkhwe. Uyawubona ke umzi uwushiye kugxavalala kunje! Thetha ke kuloo manyange nakwezo zihlwele zakowenu uzichazele ukuba ushiya umntwana kweli, maze zimkhusele. Naba nabantakwenu, iinkosi zabaThembu, zisothukile, maze uzithethele nazo kuloo mzi. Ungalibali ukubika ngale ngxaki yokulahlekelwa yimihlaba yakowethu. Kungoku nje siza kuba ngooNontsuke kwilizwe loobawo bethu. Sicelele icebo apho kuba andazi ukuba sekutheni silahliwe nje. *(Uyantywizisa)* |

14.11 Nika umyalezo ube mnye kwimiyalezo uMaqoma ayithuma umkhwe wakhe. (1)

14.12 Chonga ibinzana elibonisa ukuba abantu abangasekhoyo balikhonkco lonxibelelwano phakathi kwabaphilayo noQamata. (1)

14.13 Xela isafobe esisetyenziswe kula mazwi alandelayo wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni.

'Ulele phaya umkhwe wam.' (2)

14.14 USomerset wayengabunanze nganto ubomi babantu abamnyama. Xhasa olu luvo. (2)

14.15 Balamene njani uMaqoma nale nkosi iswelekileyo? (1)

14.16 Chaza uvakalelo lukaMaqoma kulo mngcwabo. (1)

14.17 Igama, 'ukuntywizisa' lithetha:

A Ukuthula isikhalo phezulu
B Ukulila kodwa kungabikho sandi sesikhal
C Ukulila ngokuvakalayo umbombozel (1)

14.18 Saba yintoni isiphelo sabo babebandakanyeka kwiyelenqe lokubulawa komkhwe kaMaqoma? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**